



Stellenbosch

UNIVERSITY
IYUNIVESITHI
UNIVERSITEIT

forward together
sonke siya phambili
saam vorentoe

**IZifundo eziFutshane zoQeqesho loQuquzelelo looNtangandini eSU
Ingaba uzinikele kwizifundo zakho kwaye unomdla wokwabelana ngamava akho?
Ukuba nguMququzeleli wokuFunda kooNtangandini yinto ekufaneleyo!**

Bhalisela izifundo ezifutshane zoQuquzelelo lokuFunda kooNtangandini ezivunyiweyo eSU nezisisongezelelo kwikharithulam uze ufumane ukungqinwa kwirekhodi lakho lezifundo njengomfundi onamava.

IZiko lokuFunda nokuFunda linikezela ngethuba **LASIMAHLA** kuzo **ZONKE** iityhutha (*iidemi, abancedisi kwiimodyuli, ekufundeni, ekufundiseni nakuvavanyo*) lokuba zijoyine eli thuba loqeqesho lenza imincili loQuquzelelo lokuFunda kooNtangandini. Ungazigqiba ezi zifundo zoqeqesho zifutshane ngesantya sakho kwaye unexesha elifikelela kwiiveki ezili13 ukuba uzigqibe (*ngokuxhomekeke ekubeni ubhalise nini*) okanye njengoko kubonakalisiwe lisebe/yifakhalathi yakho.

Ngubani onokufaka isicelo?

1. Ziidemi
2. Ngabancedisi kwiimodyuli
3. Ngabancedisi ekufundeni
4. Ngabancedisi ekufundiseni
5. Ngabancedisi kuvavanyo

Ndiza kuzuza ntoni mna kule nto?

1. uza kuba ngumququzeleli wezifundo zoontangandini ovunyiweyo nongqinwa yiSU.
2. uza kube nezakhono zokumisela imida kwaye ube nokomelela nokumelana neemeko ngeemeko zeeseshoni zoququzelelo lwezifundo zoontangandini.
3. uza kuphakamisa uphuhliso lwabafundi kwaye usebenzise izakhono ezisebenzayo nezikhuthaza ukwazi komfundi ukuziqhubela ekusebenzeni kakuhle.
4. uza kuba ngumququzeleli wezifundo zoontangandini ophuhlileyo noyinkokheli esebenza ngokuzibandakanya (*enxanelwe ulwazi, enomdla nothando olunzulu lokufunda*).
5. iimpawu zakho zobuthwalandwe ziza kuphuhliswa (*ubuprofeshinali, izakhono zokuba ngumntu buqu nezokusebenzisana nabanye abantu nobukrelekrele bangokwentlalo*).

Ndisifaka njani isicelo?

1. Kufuneka uqale ufake isicelo sethuba loququzelelo loontangandini (ubutyhutha) ngaphakathi kwisebe okanye kwifakhalathi yakho ukupapashwa kwalo
2. Xa sele ukhethiwe lisebe okanye yifakhalathi yakho, kufuneka ubhalisele izifundo ezifutshane zoqeqesho loQuquzelelo lokufunda kooNtangandini

Kukho ntoni kwezi zifundo?

1. Iseshoni 1: Oko kufunekayo kuwe njengomququzeleli woontangandini
2. Iseshoni 2: Abo unokuqhagamshelana nabo ukuze ufumane inkxaso
3. Iseshoni 3: Izakhono ezitekhnikhali nezolawulo
4. Iseshoni 4: Ukuququzelela izifundo nokuzibandakanya
5. Iseshoni 5: Ukulawula ixesha noxinzelelo

Kulindeleke ntoni kum?

1. Chitha iyure e1.5 ubuncinane ngeveki ekugqibeni imisebenzi yezi zifundo.
2. Jonga izaziso kuSUNLearn ukuze ufumane ingcaciso entsha yemihla ngemihla.
3. Jonga ii-imeyile zakho rhoqo ukuze ubone imisebenzi yezolawulo enokubakho.
4. Nxibelelana nomququzeleli wezi zifundo nanini na xa uhlangabezana neengxaki.
5. Yiba yinxalenye yosapho loququzelelo loontangandini uze wabelane ngamava akho nabanye abaququzeleli boontangandini ngokuthi uzibandakanye kwiingxoxo zange-intanethi kwaye ubonelele ngeengxelo kwabanye.
6. Lonwabele olu qeqesho namava akho oququzelelo.

Ukuze ufumane ingcaciso ethe vetshe nokuze ubuze imibuzo ngobhaliso qhagamshelana: noJohara Khan ku 20852096@sun.ac.za okanye umququzeleli weetyhutha wefakhalthi/wesebe lakho.